## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

   ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
   ICANDELO B: Ushwankathelo (10)
   ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: 50 imizuzu
   ICANDELO B: 30 imizuzu
   ICANDELO C: 40 imizuzu

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UKUZIGWAGWISA**

1. Ukuzigwagwisa ngumnqweno wokuba ube yinto engaphezulu kwale uyiyo, ukuze abantu bakuthathe njengomntu obalulekileyo. Kusekho ke nanamhla oku kuzigwagwisa phakathi kwabantu, okuzibonisa ngeendlela ngeendlela. Aba bantu bazigwagwisayo abakhathalele nokuba kuphi na, kuphantsi kweziphi na iimeko, bafuna ukusoloko bekwiindawo ezinamawonga.

2. Makube senkonzweni, likho igosa lesekethe eliya kungqiyaza liphethulula abantu, lityityimbisela umnwe abadlezana abanabantwana abakhalayo, ide iye kuphuma loo nkonzo. Makube semngcwabeni wobabona bexakekile, bathi besebantwini babe sezimbizeni bade babe nasemadlakeni. Ndisabala ntoni na? Bade baye kujamelana naba bafana kunikezelwa kubo imikhonto. Makube semathekweni bazenza iinjoli ezingacelwanga, ufike bexakekile behlalisa phantsi abantu, bengalibali ukumana ukuya kuma ngaphambili ukuze babonwe ukubaluleka kwabo ngabantu. Ukuba abaphumeleli ukwenza oku, bazixolisa ngokuzikhwebula kwabanye abantu baye kuhlala phaya phambili ngaseqongeni ukuba kuseholweni.

3. Ngamanye amaxesha izenzo zaba bantu ziyahlekisa noko zibanga iintloni nje kobukeleyo. USoziyunguma uzicelele ukuba aze abe sesinye sezithethi kwitheko elithile lokwamkela umntu obalulekileyo. Aba bantu kaloku abanantloni, bayazicelela ukuba bafuna into. Nanko ke lo mfo ethe pitsinini eqongeni elinqugwala ukubila oku, esaphula esiqwabaza esi siNgesindini bathanda ukusithetha naxa kungasekho negxagxa eli. Nanko ke ekhumsha esaphula neso siNgesi ethetha into engavakaliyo encumile yena umfo omkhulu. Woyibona imincili yabalingane bakhe ngokungathi abanye sebemphoxa.

4. Hayi ilishwa labantu abafundisiweyo! Nditsho kuba, ukuba lukho uhlobo oluthiyiweyo ngaba bantu bazigwagwisayo, ngaba bantu abafundisiweyo. Woze ubone uXabindlela weqaba elithiwe rhwe nje esikolweni, mhlawumbi lide lafumana ne'Matric' yasematyholweni, lisithi lakufumana imali engathi iyabambeka, mhlawumbi ngoondlela-mnyama, naloo lisiya kuthenga iisutana neemoto ukwenzela ukuba libonwe ngabantu ukuba libhetele kunalaa mntu ufundileyo. Lide elinye ligqabhuke uve lisithi imali efunyanwa ziititshala ziipenana nje. Khawufan' ucinge!

5 Into ebuhlungu bathi aba bantu banje bakungananzwa bajike babe yingozi kubo buqu nakwabanye abantu. Ndinomzekelo obuhlungu wamfana uthile esasikhula kunye sixekweni sinye, sihamba kwihlelo lenkonzo elinye, sifunda kunye, saya kunye nasesinaleni esinye, saphuma mayela ngaxeshanye ukuya kweli lizwe linye. Wakhula kucaca ukuba kowabo wafundiswa ukuziphakamisa. Ndithi mna bonke abantwana baloo mzi yayingathi baqeqeshiwe ukuba bazinyuse, baphakame kunabanye abantwana, kuba nooyise babelinga ukuhlala loo ntlalo. Aba bantwana babo babengathi bazifundiswe izinto ezifana nokunyevula, zokuthi qhiwu iimpumlo, nokuthi shwace ubuso xa bethetha nomntu abamjongele phantsi. Phofu ke into yokuqala eyaphungula oko kuzigwagwisa yaba kukutsala nzima ezifundweni. Ukhe wangathi uyazama ukuwathathela kuye amawonga asenkonzweni nawasentlalweni yabantu. Kodwa kwathi sakufika esinaleni babe sebucacile ubuze bakhe. Waphuma eyiloo nto ludano emphefumlweni esinaleni, emana evuyela nje ukunconywa ngoyise, phofu naye owaphumelela i'Third Year' kwakwesi sinala evana kakhulu nabeLungu abasemagunyeni. Wakhe waya kuvela nakwaNokholeji phofu nalapho akabuyanga nanto ibambekayo.

6 Ekubuyeni kwakhe sabe sadibana kwisixeko esikhulu apho umntu azimelayo ke mfo. Wakha wayintatheli yephepha eliqhubayo lesiNgesi, naye engumfo owaziwayo kwezenkonzo nentlalo. Kodwa ke kwabuya kwabonakala ubuze bakhe. Wayeka, wazithi nca nentombi kaLudiza, nayo yamthi nca. Ngoku ndithethayo linxila elalahla nomzi walo. Uyaqala ukuhleka naye wonke umntu ngoku. Kunjalo ke ukuzigwagwisa.

7 Ndathi ndakutyhileka ingqondo, wathi umama ondizalayo, 'Mntwanam ungaze umdele UMNTU akadalwanga nguwe'. Loo mazwi andisokuze ndiwalibale. Ndithi nokuba sendivukelwe likratshi lokuzingca ngokuba ndim ndedwa ongcono kuso sonke esi sixekwana, ndinqandwe ngala mazwi. Kowu! Kumnandi kwaye kulungile ukungazigwagwisi. Ndithi mna ndilala ngomzimba ongenaxhala; ubuso abutsalekanga kukuthi shwace; impumlo ayinqalekanga kukuthi qwa; nemilebe ayithanga twe kukunyevula. Nantso ke!

[Sithathwe kwincwadi ethi, *Khawufan'ucinge*, GS Budaza iphepha 81–83 saza sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Kukuthini ukuzigwagwisa ngokwalo mhlathi? (1)

1.1.2 Yintoni eyona nto ifunwa ngaba bantu bazigwagwisayo? (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.3 Matanisa umkhwa owenziwa ngabantu abazigwagwisayo kuKholam A nendawo abazigwagwisa kuyo kuKholam B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Bazenza iinjoli ezingacelwanga, behlalisa phantsi abantu, bengalibali ukumana ukuya kuma ngaphambili.<br><br>(b) Bathi besebantwini babe sezimbizeni bade baye kujamelana naba bafana kunikezelwa kubo imikhonto. | (i) Emingcwabeni<br><br>(iii) Emathekweni<br><br>(iii) Ezinkonzweni |

(2)

1.1.4 Bazixolisa ngantoni abantu abazigwagwisayo bakungaphumeleli kwimizamo yabo? (2)

Jonga kumhlathi 3

1.1.5 Khetha isihlanganisi esikwizibiyeli esithetha into enye nesinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Ngamanye amaxesha izenzo zaba bantu ziyahlekisa <u>noko </u>zibanga iintloni kobukeleyo. (nangona/ngenxa). (1)

1.1.6 Khetha eyona ndlela ichanekileyo esakhiwe ngayo isibizo esimbaxa, 'uSoziyunguma' kwezi zikwizibiyeli ngasezantsi.

(uyise+ isiyunguma/uyise+iziyunguma/uyise+ukuyunguma) (2)

1.1.7 Caphula ibinzana elibonisa ukusetyenziswa kwesiNgesi ngendlela ekruqulayo. (2)

Jonga kumhlathi 4

1.1.8 Abantu abazigwagwisayo bathi babhetele njani kuneetitshala? (1)

1.1.9 Khetha injongo echanekileyo yokusetyenziswa kwesi sivakalisi, 'Khawufan' ucinge!', kwezi zingezantsi?

A Kukunyanzelisa abafundayo ngezimvo zombhali.
B Kukuvuselela iingcinga zalo ufundayo ngokubhaliweyo.
C Kukuzijongela phantsi izimvo zabafundayo umbhali.
D Kukuqhatha abafundayo ngezimvo zombhali. (1)

Jonga kumhlathi 5

1.1.10 Xela into eyaphungula ukuzigwagwisa kulo mfana kuthethwa ngaye kulo mhlathi. (1)

1.1.11 Khankanya zibe MBINI izinto angazithandiyo umbhali malunga nenkangeleko yabantwana abazigwagwisayo xa bethetha nomntu abamjongele phantsi. (2)

1.1.12 Caphula isivakalisi esingqina ukuba lo mfo akazange agqibe ukufunda. (1)

Jonga kumhlathi 6

1.1.13 Chonga isaci esisetyenziswe kulo mhlathi. (1)

1.1.14 Bhala ngamazwi akho okuthethwa leli binzana, '... kwabonakala ubuze bakhe.' (2)

Jonga kumhlathi 7


1.1.15 Ngokoluvo lwakho iziyalo zikanina wombhali ziyichaphazele njani indlela abajonga ngayo abantu? (2)

Jonga kwitekisi yonke

1.1.16 Ngqina okanye uchase uluvo lombhali oluthi akulunganga ukuzigwagwisa. Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Ithathwe ku www.Cars.co.za yaza yahlelwa]

1.2.1 Xela unyaka apho ixabiso ledizili lalilingana nelepetroli? (1)

1.2.2 Ukusuka ku-2008 ukuya ku-2010 ngawaphi amafutha eenqwelo anexabiso elifikelelekayo? (1)

1.2.3 Nguwuphi owona nyaka unamaxabiso aphezulu amafutha eenqwelo? (1)

1.2.4 Ixabisa malini ipetroli ngomnyaka we-2003 nowe-2004? (1)

1.2.5 Ingaba kulungile ukugcina amaxabiso amafutha eenqwelo ephantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule usishwankathele unike iindlela eningaphikisana ngazo ninoxolo. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

### ISICATSHULWA C

**NINGAPHIKISANA NGOXOLO**

UMakitlane ongumcebisi kubudlelwane, ohlala eJohannesburg uthi, 'Liyinene elithi ukuphikisana awunakukuphepha'. Ngaphezulu, ukuphikisana kuyinto elungileyo nenempilo ukuba abo baphikisanayo bangaphikisana ngendlela efanelekileyo.

Abantu mabafunde ukuphikisana ngobulumko ukuze ubudlelwane babo buhlale bomelele nabo. Ubulumko buqala ekubeni kungafakwa iimvakalelo ngamandla kumba ekuphikiswana ngawo nanini.

Musa ukumthuka oxoxa naye, nokuba unomsindo kangakanani. Ukuthuka ngexesha lempikiswano kubonisa ubukrwada nokungabi nalwazi lwaneleyo ngale nto uxoxa ngayo. Endaweni yokuthuka, cingisisa ukuba kutheni ubambelele kwezo ngcinga zomsindo ixesha elide.

Mamela. Iingxabano ezininzi zizalwa kukungamameli kuba ubani ebambelele kuloo nto ebeze eyicinga nokuba ingxoxo sele ihambele phambili, ekucaciseni into ebiyingxaki. Kaloku awunakufuna ukumanyelwa ungamameli wena. Ukungamameli kubonisa ukuba wena ufuna ukunyanzelisa iingcinga neemvakalelo zakho kuphela.

Hlala uzolile. Ukunyusa ilizwi lakho akwenzi izinto zibe ngcono kwaye akuyenzi ibe yebambekayo into oyithethayo. Ukuba uyakhwaza, ungaphaya komgca wokunxibelelana ngendlela enentlonipho.

Hlala kumba enithetha ngawo. Ukuthetha ngezinto zakudala akuncedi. Ingaba iimpikiswano zenu ziphela zisiba malunga nazo zonke izinto ezingalunganga ezithe zenzeka kubomi benu? Yonke into inexesha layo. Eminye imiba kufuneka isonjululwe ngelinye ixesha hayi ngoku.

Lazini ixesha lokufuna umntu oza kungenelela. Ngamanye amaxesha akubikho sisombululo. Ngako oko ke indlela eninokuphuma ngayo kuyo kukufuna uncedo kuba ngokucacileyo anifumani sisombululo. Le nto kufuneka yenziwe ngokukhawuleza umonakalo ungekabutshabalalisi ubudlelwane.

Kunjalo, kulumkele ukufaka abantu abangangeni ndawo kule nto nithetha ngayo. Kaloku wakusebenzisa abanye abantu, umntu oxoxa naye uzibona ngokungathi uyapakanyelwa, ahlanganise. Kuthembe ukuba okuthethayo kwanele ukwenza ukuba inqaku lakho liviwe.

[Sithathwe kwi*BONA*, Janyuwari 2015, Iphepha 47 saza sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3

### ISICATSHULWA D: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Sithathwe kwi*BONA*, Julayi 2013, Iphepha 59 saza sahlelwa]

3.1 Bhala islogani sesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Chonga izivakalisi eziBINI ezithetha ukuba le mveliso isafana nakuqala. (2)

3.3 Yintoni injongo yokusetyenziswa komfanekiso waba bantu kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Kuvuselela umfanekiso ngqondweni wantoni ukusetyenziswa kwegama elinomgca ngaphantsi kweli binzana; 'Iqinisekiswe ngencasa ...'?

A oweliso
B owevumba
C owokungcamla
D owendlebe (1)

3.5 Baqinisekiswa ngantoni abathengi bale mveliso ikwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.6 Yintoni umsebenzi wedilesi yewebhusayithi kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.7 Kunika ntsingiselo ni ukutsalwa kwegama elibhalwe ngqindilili, '**eziya-a-a**' mini? (1)
**[10]**

**UMBUZO 4**

**ISICATSHULWA E: IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Ithathwe kwi*BONA*, April 2008, Iphepha 103, yaza yahlelwa]

4.1 Bhala ngemo ende igama u 'Ngoba' elikwisakhelo soku-1? (1)

4.2 Yintoni umsebenzi wophawu loshiyelelo olukwintetho kaShoti kwisakhelo sesi-3? (1)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Uncumo lukaShoti kwisakhelo sesi-4 lubonisa ukuba.

A uyavelana kakhulu noChiskop.
B uyamvuyela kakhulu uChiskop.
C uyamvuyelela kakhulu uChiskop.
D uyamvisisisa kakhulu uChiskop. (1)

4.4 Ulusebenzise njani umzobi uphawu lokhuzo kwintetho kaChiskop kwisakhelo sesi-5? (1)

4.5 Inkangeleko yobuso bukaChiskop kwisakhelo sesi-6 iluveza njani uvakalelo lwakhe? (2)

4.6 Libolekwe koluphi ulwimi igama, 'kwilifti' kwisakhelo sesi-6? (1)

4.7 Ingaba yamkelekile indlela uChiskop athetha ngayo kwisakhelo sesi-7? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.8 Uthini umyalezo womzobi wale khathuni? (1)
**[I0]**

## UMBUZO 5

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

### ISICATSHULWA F: IPROZI

**UZINTLE NOENTLE**

UZimvozethu wayehlala nomyeni wakhe kunye nabantwana ababini abahle kakhulu eNtabethemba. Amagama abo nguZintle noEntle. Babethe ncothu okwendlulamthi**.** Bangabantwana abazalwa ngemini enye, ngumama omnye. Bafunda kwisikolo saseNtabethemba bade baliphumelela emagqabini ibanga leshumi elinesibini.

Babewukhathalela umsebenzi wabo, besazi ukuba umzingisi akanashwa. Babekholelwa kakhulu ekuthini xa into bengayazi bayibuze kwabadala kunabo. <u>Umama wabo</u> xa ebakhuthaza abantwana bakhe, **wayesoloko esithi, bantwana bam impumelelo isentabeni, sebenzani ninganikezeli.** Zaba ntle kakhulu *iiresults* zabo. Kwaba yimincili bakuphumelela benzelwa itheko elikhulu. Intloko yekhaya yayixhele etyetyisiweyo igusha.

Babesele bezilungiselele ukuya eyunivesithi. Wada wafika umhla wokuba balishiye ikhaya, baye kuqala ubomi obutsha.

[Ithathwe kuvimba wabevi]

5.1.1 Sigaba sini sentetho esikwigama elinomgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi?

UZimvozethu wayehlala nomyeni wakhe. (1)

5.1.2 Sisetyenziswe njani isifanekisozwi kwisivakalisi esingezantsi?

Babebade bethe ncothu okwendlulamthi. (1)

5.1.3 Khetha isichazi kwisivakalisi esingezantsi.

Baliphumelela ibanga leshumi. (1)

5.1.4 Nika igama ELINYE endaweni yenkcazelo esisivakalisi esingezantsi.

Bangabantwana abazalwa ngemini enye, ngumama omnye. (1)

5.1.5 Yakha iqhalo ngegama elikwizibiyeli endaweni yebinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

Babekholelwa ekubeni **xa into bengayazi bayibuze kwabadala kunabo**. (Inyathi i ...) (2)

5.1.6 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwisininzi.

Wamkhuthaza kakhulu umntwana. (2)

5.1.7 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo yengxelo ntetho.

Wayesoloko esithi, 'bantwana bam impumelelo isentabeni, sebenzani ninganikezeli.' (2)

5.1.8 Bhala ngokutsha ngendlela echanekileyo esi sivakalisi singezantsi sifundeke kakuhle.

Zabo kakhulu zihle iziphumo. (2)

5.1.9 Sebenzisa igama **intloko** kwisivakalisi esiNYE ubonise ukuba linentsingiselo eyahlukileyo kule ikwisivakalisi esingezantsi.

**Intloko** yekhaya yaxhela etyetyisiweyo igusha. (1)

5.1.10 Sebenzisa isimelabizo soqobo endaweni yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.

Yafika imini abantwana balishiya ikhaya. (1)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthathwe kwi*BONA*, Janyuwari 2015, Iphepha 46 waza wahlelwa]

5.2.1 Yakha isivakalisi esinesenzi esibonakalisa ukuba isenzeko senzeka macala. (2)

5.2.2 Lungisa igama elikwizibiyeli kwisivakalisi esingezantsi ukuze sifundeke ngokuchanekileyo.

Abantu (xolo) bayabukeka. (1)

5.2.3 Khetha esona sivakalisi sakhiwe ngendlela echanekileyo kwezi zilandelayo.

A Iingcinga zabazali ayabethathethana ngabahlobo.
B Iingcinga zabazali ziyabethabethana ngabahlobo.
C Iingcinga zabazali iyabethabethana ngabahlobo.
D Iingcinga zabazali siyabethabethana ngabahlobo. (1)

5.2.4 Yakha isihlomelo sendawo ngeli gama 'indlela' uze usisebenzise kwisivakalisi ngokufanelekileyo. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**